Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

P.O. Box 20, Hermanus 7200
www.overstrand.gov.za

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24-hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

OKTHOBHA 2018

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

BAFIKELELA KUMA-900 ABAXHAMLI PHANTSI KWENKQUBO YOKINIKEZELWA KWEZINDLU ABANIKWE *IITAYITILE* ZABO

UMasipala waseOverstrand uxhase iSebe lokuZinziswa koLuntu phantsi kwePhondo leNtshona Koloni nelixhobisa abantu abadala nabo bakhubazekileyo ngokuthi kwezi nyanga zimbini zigqithileyo ukusuka ePearly Beach ukuya eKleinmond asingathe iqela lemisitho yokunikezela abaxhamli iitayitile zezindlu.

UBonginkosi Madikizela onguMphathiswa wokuZinziswa koLuntu kwiPhondo leNtshona Koloni uthi, injongo yeli phulo asikokuqinisekisa ilungelo lokufumana itayitile yomhlaba kuphela, kodwa kukufaka umoya wokuzingca ngokuba ngumnini-khaya. Ekuhlaleni, le Nkqubo yoKwakhiwa kweZindlu inoxanduva lokwakhela abaxhamli abakuluhlu lokunikezelwa kwezindlu.

UCeba Arnie Africa onguSihlalo kwiPotifoliyo yeeNkonzo zoLuntu eOverstrand wayephelekwe ngooCeba abawaziyo lo mcimbi. UCebakhulu Dudley Coetzee naye wayekho kuyo yonke le misitho yokunikezelwa kweetayitile zezindlu. UCeba Arnie Africa akazange onele kukuvuyisana nabo ngokuba ngabanini-khaya ngokusemthethweni, koko wathabatha eli thuba wafundisa abaxhamli ngokubhala incwadi yelifa nokuqinisekisa ukuba itayitile yendlu igcinwa kwindawo ekhuselekileyo.

"Kungoku nje indlu ibhaliswe ngegama lakho ngokusemthethweni," wakhuthaza watsho, "ukuba awukayibhali incwadi yelifa, ndicebisa ukuba uye kwibhanki yakho okanye kwigqwetha elikhethwe nguwe ngokukhawuleza utsho bakuvulele uxwebhu/ifayile yelifa ufake zonke iinkcukacha zobunini-khaya ukuze le asethi ihlale ililifa labantwana bakho, kuxhamle nezizukulwana ezizayo. "Khumbula ukuba itayitile yendlu ayifani neNcwadi yeSazisi okanye ikhadi lebhanki, xa ithe yalahleka yona ayenziwa ngokutsha. Eli liphepha elibalulekileyo lasebuRhulumenteni onokulisebenzisela ukuboleka imali yokuphucula umgangatho wendlu yakho okanye ukuthenga inqwelomafutha. Ngenxa yezi zizathu, qiniseka ukuba uligcina kwindawo ekhuselekileyo."

UWillem Koopman oneminyaka engama-75 **eStanfod** waba ngomnye wabaxhamli abangama-81 abathi bafumana iitayitile zezindlu zabo eThembelihle nasKersiedorp ngexesha lomsitho owawubanjwe ngoLwesibini umhla we-14 kuAgasti kwiHolo loLuntu eStanford.

NgoMvulo umhla we-3 kuSeptemba, uMartha Davids nowayekhangeleka echulumancile waba ngomnye wabaxhamli abangama-63 abathi bafumana iitayitile zezindlu zabo **eMount Pleasant** ngexesha lomsitho owawubanjelwe eMoffa Hall. Esakufumana ithuba lencoko phakathi kwakhe noCebakhulu Anton Coetzee onguSodolophu, uBonginkosi Madikizela onguMphathiswa wokwaKhiwa kwezindlu nokuZinziswa koLuntu eNtshona Koloni, noCeba Elnora Gillion onguSekela-Sodolophu waluvakalisa uvuyo nochulumanco lwakhe.

Ngelishwa umalumekazi Sanna Fick ominyaka (66) akazange eze kulo msitho wokunikezelwa kweetayitile ngoLwesihlanu umhla wama-31 kuAgasti **eGansbaai** ngenxa yempilo, ngoko ke uSodolophu – ephelekwe nguCeba Riana de Coning negosa lezindlu uAron Gcotyelwa – benza isigqibo sokuba bayithathe le tayitile yakhe bayise apho ahlala khona. Ngexesha lokuqhutywa kwalo msitho kwigumbi lokuhlalela iitlanganiso zebhunga kwabakho abanye abaxhamli abangama-45 abathi banikwa iitayitile zezindlu zabo eGansbaai, eDe Kelders, eKleinbaai naseBlompark.

Ngabaxhamli abali-114 **eHawston** abanikwa iitayitile zezindlu zabo kumsitho owawubanjelwe eThusong Hall ngoMvulo umhla wesi-3 kuSeptemba. Apha, uMphathiswa uBonginkosi Madikizela kunye noSodolophu Dudley Coetzee bavuyisana nabaxhamli abafumene iitayitile zezindlu zabo.

Exhagwe nguCeba Arnie Africa noSodolophu, uBekle S. noNkosemntu M. babeyinxalenye yamakhaya alishumi elinesixhenxe athi anikwa iitayitile zezindlu zawo **Eluxolweni** kumsitho owawubanjelwe kwiholo loluntu ngoLwesihlanu umhla wama-31 kuAgasti.

Aba Ceba balandelayo, uFanie Krige, uSimphiwe Tebele, uElnora uGillion noGrant Cohen kwakunye noSodolophu Coetzee edibene noMphathiswa uMadikizela bavuyisana noZumani Bhoki Kortman ngokufumana itayitile yendlu yakhe. Waba ngomnye wabaxhamli abangama-323 **eKleinmond** ababezimase umsitho wokunikezelwa kweetayitile eProteadorp Community Hall ngoMvulo umhla wesi-3 kuSeptemba.

• *Iinkcukacha zokunikezelwa kweetayitile zezindlu kubaxhamli abangama-247* ***eZwelihle*** *ngoLwesithathu umhla wama-26 kuSeptemba bezingekachazwa ngexesha lokuya koonondaba.* ***Fumana ezinye iindaba ngalo msitho kule webhusayithi [www.overstrand.gov.za]***

KUZA KWENZIWA IZIFUNDO ZOPHANDO-NZULU NGEMFUNEKO YOKUFAKA UTHUNGELWANO LWEMIBHOBHO YELINDLE EGANSBAAI NASE KLEINMOND

UMasipala waseOverstrand unengcinga yokwenza izifundo zophando-nzulu eKleinmond, eGansbaai nakwisiqephu somhlaba oseVoëlklip (kufutshane nechibi lechweba eTwelfth Street) kwiiveki ezine ukuya kwezisibhozo.

Ezi zifundo zophando-nzulu ziyinxalenye yezicwangciso ezenziwa ngenjongo yokufaka uthungelwano lwemibhobho emitsha kwezo ndawo zifanelekileyo.

Ngexesha lokwenziwa kolu phando, kuza kubakho imfuneko yokungena kwiipropati zabantu ngenjongo yokuqokelela iinkcukacha ezibalulekileyo, nobunzulu obufanele amatanki okufunxa ilindle, nokuqonda ukuba izitishi zonxibelelwano lwemibhobho kumgodi onzulu ngaphantsi komhlaba lungezeka na. Abantu abaqashelwe ukuwenza lo msebenzi baza kubonakala ngezinxibo ezinombhalo othi "Joubert & Brink Surveys". Baza kunikwa iihamile neepeki njengoko kulula ukuphakamisa ezivalo ngezi zixhobo kunye neentonga zokukhangela ubunzulu bomngxuma ukuze bafumane iinkcukacha zophando.

Isixhobo esinekhamera siza bhajiswa emoyeni ukuze sithabathe imifanekiso ngokufota. Esi sixhobo siza kufota sikumphakamo ophakathi kwama-50m kunye nama 150m emoyeni ixesha elingangeyure enye okanye ezimbini. Iinkcukacha ezininzi ziza kufumaneka ngokusebenzisa esi sixhobo sinekhamera. Njengokuba sele kucacisiwe ngentla apha, bubunzulu bamatanki okufunxa ilindle kunye nokuqonda ngezitishi zonxibelelwano lwemibhobho kumgodi onzulu ngaphantsi komhlaba ulwazi olufunekayo.

UCebakhulu uDudley Coetzee uqhubekile nokuhamba 'exhawula izandla' ebuza nempilo de wafikelela eLombardi Care Centre eMount Pleasant engalindelwanga.

UJenny Sauls wasebenzisa eli thuba ukuvakalisa inkxalabo yokuba eli ziko alinazo iindlela zokuhamba izitulo ezinamavili. Emva kokuhlola eli ziko ngokutshawuza kwamehlo, uSodolophu wasebenzisa eli thuba ukuvakalisa ukwaneliseka kwakhe yimpatho yabo entle kwiinkonde neenkondekazi zeli ziko. Wayephelekwe nguSekela-Sodolophu Elnora Gillion nooCeba bakaWadi 4 uAnton Coetsee noChristine May.

Iveki emiselwe ukutyalwa kwemithi rhoqo ngenyanga kaSeptemba neyaziwa ngokuba yiArbor Week yaqala ngomfutho onamandla xa kwakutyalwa imithi engama-54 eMountain View, eKleinmond.

USodolophu Dudley Coetzee wanyusa imikhono ngomdla omkhulu wathabatha inxaxheba kumsebenzi owusenziwa liqela elalityala imithi ngenjongo yokuphucula inkangeleko yalo mmandla. Emfanekisweni apha, nguye noFanie Krige (ekhohlo) onguCeba kaWadi 10, uGrant Cohen onguceba kaWadi 9, uCeba Arnie onguSihlalo wePotifoliyo yeNkonzo zoLuntu, uJennifer ofumene itayitile yendlu yakhe noDesmond Lakey onguMphathi owongameleyo kuMmandla waseKleinmond.

QIQA NGESENZO SAKHO PHAMBI KOKUBA ULAHLE INKUNKUMA

Umkhuba wokulahlwa kwenkunkuma ngaphandle kwemigqomo ebekelwe bucala emabaleni nakwiipavumente ngabantu bokuhlala wandile. Iqhelekile into yokubona inkunkuma elahlwe evekini phambi kweeHoy'sKoppie, indawo ejongene noCheckers kufutshane nesekile yeenqwelomafutha, kunjalo nje ngabantu abehla kwiinqwelomafutha zabo kwindawo yokupaka. ULwesihlanu rhoqo ngeveki lusuku olubekelwe ukuqokelelwa kwenkunkuma e-Eastcliff eHermanus Heights, eKwaaiwater naseHawston.

UMasipala ukhuthaza bonke abahlali ukuba bagcine ingingqi yabo icocekile, iluhlaza kwanokuba baqiqe ngezenzo zabo phambi kokuba balahle inkunkuma.

Khumbula ukuba ukulahla izitena eziqhekekileyo zokwakha, ifenitshala endala nobugoxo ecaleni kwendlela okanye kumabala aphakathi kwezindlu sisenzo esingekho mthethweni.

Abahlali bayacelwa ngokuzithoba ukuba banike ingxelo ngaso nasiphi na isenzo sokulahlwa kwenkunkuma okanye izitena eziqhekekileyo zokwakha ngokungekho mthethweni kwiSebe lokuNyanzeliswa koMthetho eOverstrand ngokuqhagamshelana nalo ngale nombolo **(028 313 8996)** okanye ngokuqhagamshelana ne 24-hour control room ngale nombolo **(028 313 8111)**.

Kungenjalo, thumela ingxelo yakho nge-imeyile kule dilesi **enquiries@overstrand.gov.za** uchaze indawo okanye idilesi nezinye iinkcukacha eziya kukhokelela ekufumanekeni kwalo mntu ulahle inkunkuma.

Qhaphela ukuba kufuneka iinkcukacha zakho zicace xa unika ingxelo ngesenzo sokulahlwa kwenkunkuma ngokungekho mthethweni. Cacisa ngokuphathelene nendawo ekulahlwe kuyo, inombolo-mbhalo/umbala wenqwelomafutha nohlobo lwenkunkuma leyo ilahliweyo.

• Khumbula ukuba, wophula umthetho, xa ulahla inkunkuma ngokungekho mthethweni. Bayakukhupha umdliwo abafunyenwe benetyala.

Esikufutshane ngoku isikali seenqwelomafutha siseCaledon

Kwesi sithuba, nabani na ofuna ukuphunyelwa sisitifiketi sokufaka inqwelo endleleni ze ukwenza njalo kufunise ukuba inqwelo leyo ikhweliswe esikalini (ngenjongo zokuqonda ubunzima bayo), sikhona isikali eCaledon nesilawulwa ngabeZolimo eOverberg.

Kunje nje nje, kuyile meko kukonakaliswa kwesikali saseOverstrand ebesisetyenziswa eSwartdam Road, eHermanus ngexesha lezidube dube.

ISebe leZothutho eOverstrand licela bonke abanini beenqwelomafutha ukuba bakalishe ubunzima beenqwelomafutha zabo kwisikali esilawulwa ngabeZolimo eOverberg, ngokucelwa ligosa elo phambi kokuba limnike isitifiketi sokufaka inqwelomafutha. Bafumaneka e-Industrial Street, eCaledon.

Eli ziko lisebenza mihla yonke ngoMvulo-ngoLwesihlanu ngeye-07:30 - 17:00. Akukho mfuneko yakuchaza ukuba uza kufika nini.

• Indleko ziphakathi kwama-R30 nama-R90, kuxhomekeke kubunzima benqwelomafutha leyo.

UMDLALI WESIKHALISI ESIKHUDLWANA KUNEFIDYOLI UZA KUYOLISA ABATHANDI BOMCULO

NgeCawa umhla we-14 kuOktobha iZiko loBugcisa neNkcubeko liza kusingatha umsitho wokusindleka umdlali wesikhalisi esikhudlwana kunefidyoli, **uPeter Martens** ophuma eStellenbosch. Uza kuba ephelekwe nguBryan Wallick, umbethi-piyano oyinzalelwane yase-Melika. Kungoku nje uhlala ePitoli. Inkqubo yabo iza kubandakanya amaculo aba baqambi balandelayo: i-Bach's Cello Suite No. 3, i-Beethoven's Cello Sonata No. 3 in A major Op. 69 neRachmaninoff's Cello Sonata in G minor Op. 19. *Le konsathi iza kuqala nge15:30 eCivic Auditorium eHermanus. Itikiti lixabisa i-R150 (ngama-R60 itikiti kumfundi ngamnye) kwaye afumaneka kwiOfisi yeZokhenketho eMitchell Street, eHermanus ngokuqhagamshelana nayo ngale nombolo* ***(028 312 2629).*** *Fumana iinkcukacha ezithe vetshe ngoku qhagamshelana noRené du Plooy ngale nombolo* ***082 940 4238****.*